isigqamo soko ke sibe kukwenziwa kwe- yezza  
abangati abafayo ngendlela elula nenjena  
nkatazo babe nokuzinyanga ngokwabo  
emakaya ngeveki ezimbini. Incwadana  
echaza ukusetyenziswa kwalo mchiza mtsha  
inokutunyelwa nakuba- nina ote watumela i  
stamp se 2 1/2d ku A. HUTTON DIXON, 43 &  
45 East Bloor St. TORONTO, Canada.—  
Scientific American

UKWANDISWA KOMSEBENZI.—Sijonge  
kuba, xhasi belishishini ukuba babonise  
abahlala- ngana nabo ukufaneleka kokufaka  
ixgalaba ekuhanjiseni kwe "Mvo."—ST.

NGOLWESI-BINI, MARCH 14, 1893.

## Iveki.

KUQEKEKE inqanawa yama Putukezi  
kwiweceba le Limpopo, basinda kodwa  
abebepakati.

IBINGUMBONISO wezilimo e Rini ngo-  
lwezi-Tatu Iwegqitileyo. Unconywa  
ukubamhle.

IRULUNELI yase Natal, u Sir Charles  
Mitchell usuka e England ngo 18 kule  
nyanga ukugoduka.

UCINGO Iwange Sabata lufike nezokuba  
icala elinemisebenzi lomzi wase Boston  
litsho ngumllilo kwako abafayo.

U HON. SIR JAMES SIVEWRIGHT, M.A.,  
K.C.M.G., M.L.A., utiwe jize ngewonga  
lemfundo lobu L.L.D. li Bandla lenifu- ndo  
lesikolo awafunda kuso esiyo Aberdeen  
University. Siyuya naye.

UMLUNGU ongu Ernest Grill ufunye-  
nwe seletile egumbini lake lokulala ngo  
Mvulo kusasa. Kute kwakuba kupandime  
impangi kwafunyanwa uku- ba kusela  
ngokugqite emgeni okufu- tshanishe ubom.

IZALATISO ze Jaji ngeveki zibonisa  
ukuba ngomhla (15 March) ise Somerset  
East, ngolwesi-Hlanu (17) iyakuba se  
Nyara; ngo Mvulo (20) e Bofolo; ngo-  
lwezi-Hlanu Iweveki ezayo (24 March)  
iyakuhlala e Qonce.

NGOLWESI-TATU Iwedlulileyo itroli  
ibukuqwe zibhokwe ibibaleka pezu kwe  
migqa kalolwe e Halesowen ngease  
Cradock. Ibatate um-Xosa yamposa  
paya watwaka intloko wafa, umlungu  
wapuke umkono; waktuka kancinane  
akabi nanto omnye.

IOJELA ebelibukwa ngesidlo se ti, ku-  
mzi ka Mr. Paul Nel e Pretoria  
ngolwesi-Ne lidliswe ngomti lo uyi  
tyentu yempuku (Rough on Rats), ote  
anti-ufakwe etini. Babe bulungu  
bonke abebekweso sidlo. U Mr. Nel  
walahlekwa kukupela komntwana wake  
oyintombazana. Yinto ehang ububi  
obukulu leyo kweso sixeko.

UKUFIKA kwake e Kapa u Mr. Rhodes  
ngolwesi-Tatu Iwegqitileyo wamkelwe  
esishesoni ngamalungu ka Rulumeni  
abesixekweni kwanngamanene apete  
imisebenzi yakwa Rulumeni amaninzi.  
Bangceme baya kumzi wembuto yama-  
nense oyi City Club, apo amanene  
alaulayo kunye no Mr. Rhodes amelve  
ilantshi ngu Hon. D. P. Graaff, M.L.C.

Kwi Palamente yase England Ipakati  
elipete imalime yinqanawa livakalise  
ukuba u Rulumeni ugqibe kwelokwaka  
inqanawa ezimashumi mabini zemfazwe,  
nezinye ezimbini ezinkulu ekungeko  
zingangazo elizweni nge £700,000 inye;  
zeze mibini kwakona ezolunye uhlobo;  
zibeb ntlanu ezingapantsi. Ixabiso  
eliyakufaneleka la wo wonke lomsebenzi  
yi £5,000,000.

## INGXOXO ENGOLOBOLO.

SEKULIXESHA elide kwezi-  
nyanga simana ukungenisa  
inteto ezingolobolo. Kulilungelo  
lomzi ukuba imicimbi enjengalo,  
epatelele entlalweni le sikuyo ngoku  
ihlale, ihlale, imane ukusonde-  
zwa ezingqondweni zomzi, ngoku-  
kodwa xa ngaba abaninzi bayibona  
imesonakalo. Kodwa ke, njengoko  
satshoyo isilumko sase ma Jodini :  
"Kuko ixesha lento zonke." Ma-  
singati kuba umzi ubuke wafumana  
incasa engxoxweni etile sesikwe  
sombeke ngayo. Ukutsho ke, si-  
bhlekisa kumanene abesondeze lom-  
cimbi, siti, akulilo ilungelo na ukuba  
lengxoxo ike ivale emva  
kokuxoxwa okukulu nokubukali  
ekufumeneyo ngezinyanga, ukuze  
ingadiki. Asiswele itemba tina  
ukuba inteto ezizwiwe zenze ukuba  
ingqondo zomzi zisebenze. Inxoxo  
eseyenziwe injengokugelesha—  
ukulungiselelela ixesha lokuhlwa-  
yela : makubenelise oko ke abaxoxi.  
Asitsho ukuba abangebuye bayipa-  
kamise. Ngeloxesha mhlaumbi  
boba sebede banakana nentsenzo  
engaba iveliselelelidabi lepepa  
sebeke banalo. Sakuba-ke silenzile  
eli kusifanele ukulivakalisa elutu  
mayelana nesikufunde kulengxoxo  
njengoko ibe ihambiseka. Into  
ebekalayo kukuba umzi wahlule-  
lene— bako abatanidi bobolobo ; bako  
abatiji balo. Abatandi balo bakwi-  
lise ngabantu abati kanti sebeno-  
mbi zexabiso lokwenda, asebekuma-  
bhongo okwandisa intlanti ke ngoku-  
; abangenazo ezontombi bane  
mizalwanekazi ekweso situba sase  
kwendeni ekulindelwe inkomo nga-  
yo. Abachasi bakolise ngokuba  
yimpi ejongene nenkalo kakuzeka.  
Siyikangele nje lemikondo mibini  
ayizimisele kuvana. Kodwa inya-  
niso tina siyifumana ipakati kwayo  
yombini lempi. Sibona tina into  
epambili ikukwalamana okufanele-  
kileyo ngolwendiselano Iwabantu,  
impahla le inje ngolobolo siyibona  
iyinto engake ibekwe emva njenge  
sikwa kodwa somsebenzi omkulu  
nombe wokuqiniswa kobuhlobo  
bemizi ebingalimeneyo. Xa ku-  
njalo ke ukubako nokungabiko kwe  
Kazi elikulu yinto ejonge  
ubude nobufutshane babapete um-  
sebenzi. He. Xa kunjalo kuya  
kupela uloyiko nembambezelo ekwe-  
ndiselaneni ebanga ukude konakale  
kuba mhlambini inkomo zingeko  
Olwetu uluvo olwendelelo kukuba  
konakele kulento yokuba ukwala-  
mana kuyekelwe entsatheni, et ke  
ingayazeleleli indawo entlalweni  
yomzi wakowayo ze iti kwinto zo-  
kwalamana ikangele indawo yodidi  
lowakowayo. Ukuba ibe igqitywa  
kakuhle, ngesontu, yimizi into epa-  
telele ekuzekeni—ingayekelwa e-  
ntsatheni engazi nto, nolulobolo  
ngelangathelwe lamhelo abomvu oyi-  
lwekwa nobubi.

## Amacapaza.

UKUMELWA KWE  
SOMERSET EAST. East kusemhlatheni  
okokuba kungxanye- Iwe ukukutshwa u  
Mr. W. H. Hockly, M.L.A., okanye u Mr.  
G. M. Palmer, M.L.A., ukuba babe  
ngapandle kwe Bandla, isizatu  
kungxanyelwe ukufakwa sanxu simbi se  
Bbnti. Sinokutemba noko okokuba o  
Messrs. Hockly no Palmer abakuti cwaka  
kwilinga elenze- lwa ukubakupa  
ngapandle ngenxa ya- maququlurana  
angamelele ukufakwa, njengokuba  
bobabini ingawona malungu afanelekileyo  
sakungakela ubume be Palamente yetu  
bonke.

UMBHALI Mhleli wepepa lase  
ZINTSOMI. Kokstad ngoku uke wa-  
nencwadi yentsomi a-  
yenzileyo, ati naxa abalayo ahleke um-  
punga wake ubekiselele kuzo njengokuba  
kesamana ukuvusa abantu ngapambili  
ukuba bakulumkele ukuzamkelanjenge-  
nente into zake ezoyikisayo ngefasema  
Mpondweni. Ngoku uhlanganisa izi-  
ganeko ezitsha zokwenza intsoni entsha.  
Simfumana esiti:— "Ngoku kubonakala  
ululu ukuba kugqitywe ukuba kucitwe  
imali ngama Picotti-Msebenzi, siyatemba  
ukuba abasayi kuhlangana nabalandeli  
bezimvo zo Hay no Jabavu abaninzi  
ekuhambiseni kwabo."

KULUVUYOKAZI

UKUBUYA ukuya ukubuya kuka  
KWE Hon. C. J. Rhodes  
NKULU-MBUSO. ofike kwepelileyo iveki  
e Kapa emva kokhamba-  
kazi lwahe olude esesempilweni. Nge-  
xesha abengeko igququla akulo aliba-  
nga nakwenza into ngokupatelele kwi  
micimbi eyakuxoxwa yakuhlala i Pa-  
lamente njengokuba selikufuti ixesha  
layo. Kwaye kusafane kwati manga  
ukuba yiyipina eyona nto izakwenziwa.  
Abalauli ngapandle kwamatanda, ma-  
babe bayazi ukuba kuyakulindelwa  
uluhlu oluhle lwenzo abayakuzandlala  
kule Palamente ngapambi kokuba  
kubekiswe kubanyuli, esingavuya bete  
bema kakuhle njengamadoda.

ABAPICOTTI

UKUKHUSELWA. benze ngokuncomeka-  
KWE yo kanye ukuti, naku-  
ZICAKA. ba bebeti bafuna zi-  
ngabhangenzwanga nga-  
napape ingxelo zomsebenzi wabo  
babuye baluqutula oloolvo. Impume-  
lelo yoko kukuba sifumana ukutyisa  
inteto zabantu abafanelekileyo aban-  
geno Dr. Jane Waterston (Unoqaqaba).  
Elincekezi lisibonisa imtswela  
bulungisa

eyenziwayo mayelana nokugcinwa ko  
mitinjana osebenza ezidolopini, ekuti ke  
lonto ipumelele ekubeni wonakale

umzi. Bangaba aba Picotti benze into  
enkulu ngokukusela ababantu. Sibonise  
futi kulemiqolo okokuba inkoliso ya-  
bantu abanzimilo kwabantsundu  
ayikwamkeli ukuba ezidolopini nakuba  
kona kufanele ukuba beze bafunde  
umsebenzi ngokoyika ezingozi. Siyawo-  
yika amanyumnyezi ezipumelela kuwo  
intombazana.

---TPEPA eliyi Journal

la- UMCIMBI hlala limele indawo  
WE ezivakalayo neziqini-  
LEYO kwinteto ezinge  
LOKISHI. Netevu kweli letu.

Besingavuya kakulu ukuya u Mr.  
Merriman ewuxoxa lomcimbi kunye  
nowetu lo. Lifike liyipike ngalukuni  
inteto yo Mgcini-Ndyebe awenziwa e  
Humansdorp ngalomcimbi; laye lona  
lisiti:—" Kupela inta efunekayo ngaba-  
ntu abayakusebenza " tshpu." Kutsha  
nje u Rulumeni ukwenze konke ukwe-  
hluta abalimi abasebenzi babo; waye u  
Mr. Merriman eqinisisa kuba u Rulu-  
meni usazimisele. K u l u n g i l e ;  
umbozo wake upendulwe; ayakunyuka  
ke amaxabiso okuya. Uquba abonise  
isizatu sokwenziwa kwalomteto, yayi-  
kukuba i Netevu ziyive kwelokwazo.

I Koloni ibanike umhlaba emaba-  
hlale kuwo ke. Ewe, mazicizwe ze  
ati wonke opumayo azi ukuba uyaku-  
konza aze atwale agcine amasiko  
okuhlambuluka. Ingaba yaka yakona  
inqubo ejonge ukuba ingapumeleli  
kwayona ngapezu kwale na? Zixgotwe  
entshonalangana nakwelipakati i Netevu,  
ude wenze nemiteto yokuzibonisa uku-  
zicasa ude uagaziyi nomsebenzi ude  
usiti, " mazide zigcine intlambuluko."  
Lonto ayingenzeki kuba imiswe ebu-  
dengeni. Eyona nto iswelekileyo kule  
Koloni, sitsho kuni beini bayo, ngumse-  
benzi othshpu. Yinihiki i Netevu konke  
ukuyikutaza ukuba inabe. Elilizwe  
asililo lukumiwa ngabamhlope bodwa.  
Linokumca ngokwandla kwemizi yaba  
ntsundu.

## Inguqulo nase Ngcobo.

IVANGELI NGOKUBHALA  
KUKA MATEYO .  
ISAHLUKO XIX.

KWATI akuba u Yesu ewaqgibile  
lamazwi wemka e GALILI weza  
emideni yase JUDEYA epesheya kwe  
JORDANE.

2. Walandelwa zizihlewe ezinkulu  
wabapilisa kona apo.

3. Kweza naba FARISI kuye beblinga  
besiti, umteto uyamvumelana umntu  
ukuba alahle umkake ngezizatu zonke.

4. Wapendula wati kubo: Anifunda-  
ngana okokuba owabenzayo ekuqaleni  
wabenza indoda nenkazana.

5. Wayesiti: Ngenxa yoku indoda  
iyakushiywa uyise nonina, inamatele  
emfazini wayo, baze abo babini babe  
nyamanye.

6. Ngakoko abasebabini banyamanye:  
ngoko oko kubandakanywe ngu Tixo  
makungahluwa ngumntu.

7. Bati bona kuye, kunganina pofu  
ukuba u MOSISI ayalele ukuba anikwe  
incwadi yokuwahlulana andule ukumla-  
hla.

8. Uteke yena kubo u MOSISI ngenxa  
yobulukuni bentliziyo zenu wanivumela  
ukuba nibalahle abafazi benu, kodwa  
ekuqalekeni kwakungenjalo.

9. Ke mna nditi kuni: Osokuba eya  
kumhlala umkake ngapandle kwesizatu  
sombulo, aze azekwe omnye, uyarekwa,  
nalowo uzekwe olahliweyo, ukwarexeza  
naye.

10. Bati ke abadisipile baka kuye:  
Ukuba unjalo umcimbi wendoda no-  
mfazi wayo, akulungile ukuzeka.

11. Koko wati kubo: Abantu abana-  
kusamkela bonke esisiteto, kupela  
singamkelwa ngabo bakuphiweyo.

12. Kuba kuko intweni ezazalwa  
sezinjalo- kwasesizalweni sonina, kuko  
nentweni ezenziwe intweni ngabantu,  
kuko nentweni ezenziwe zona ngenxa  
yobukumkani bezulu; onako ukukwa-  
mkela oku makawamkele.

13. Kwaza kwesizwa kuye abantwana  
abancinane ukuba abeke izandla zake  
pezu kwabo atandaze; bati abadisipile  
babatetisa.

14. Koko u Yesu wati: Vumelani  
abantwana abancinane beze kum,  
ningabaleli, ngokuba bubobabanjalo  
ubukumkani bezulu.

15. Wazwa nabeka izandla zake pezu  
kwabo, wemka apo.

16. Kwabonakala kusiza kuye owati:  
Mfundisi olungileyo, ndingenza ntinoma  
ukuzo ndibe nabo ubomi obungunapa-  
kade.

17. Wati kuye: Kunganina ukuba  
undibize ngokuba ndingolungileyo, ku-  
pela mnye, u Tixo ke, kodwa ukuba  
unga ungangena ebomini gcina imiteto.

18. Wati kuye: Yipina? Wati u  
Yesu: Akuyi kubulala, akuyi kurexeza,  
akuyi kuba, akuyi kungqina ubungqina  
obubuxoki.

19. Beku uyihlo nonyoko, uyakutanda  
ummelwane wako njengokuzitanda  
kwako.

20. Indodana leyo ite kuye: Zonke  
ezizinto ndizicininile kwasebutwaneni  
bam, ndisaswele tonina.

21. Wati u Yesu kuye, ukuba unga  
ungafazeka, yiya utengise oko unako,  
upe amahlwempu, wayakuba nendyobo  
ezulwini, uze-ke ulandele mna.

22. Yati indodana leyo yakuya eso-  
siteto, yemka ilusizi, kuba yayinempufo  
eninzi.

23. Wati u Yesu kubadisipile baka:  
Ngokwenene nditi kuni, kunzima  
kumntu osisityebi ukungena ebukum-  
kanini bezulu.

24. Kanjalo nditi kuni: Kulula kanye  
kwinkamela ukuba ipumelele entunjeni  
yenaliti, kunokuba isityebi singene  
ebukumkanini buka Tixo.

25. Bakukuya oko abadisipile baka  
bamangaliswa kakulu bati, ngubanina  
ongasindiswayo.

26. Ebondole ke wati u Yesu kubo:  
Ebantwini oku akunakwenzeka, kodwa  
ku Tixo into zonke zinokwenzeka.

27. Kwapendula u PETROS wati kuye :  
Nanku tina sishiyi konke salandela  
wena, siyakuziza tonina ke ngoko.

28. Ute u Yesu kubo: Ngokwenene  
nditi kuni, nina enindilandelelo, eku-  
zalweni okutsha, nxa u Nyana woluntu  
ayakuhlala esihlalweni sobungcwalisu  
bake, nari yikuhlala ezihlalweni  
zobukosi, ezilishumi elizibini ngweba  
izizwe zakwa SIRAYELI ezilishumi eli-  
zibini.

19. Naye wonke oshiyi izindlu, aba-  
zalwene, odade, uyise, unina, umfazi,  
abantwana, nokuba ngamasimi ngenxa  
yegama lam, uyakwamkela kalikulu  
waye eyakudla ilifa lobomi obunguna-  
pakade.

30. Kodwa baninzi abapambili abaya-  
kuba semva, nabasemva abayakuba  
ebantwaneni, njengenja ebuyela umhla-

## IMPILO KA REV. DR. ROSS.

Kuyakubavuyisa bonke abalesi be Mvo  
ukuba u Rev. Bryce Ross, D.D.,  
wase Pirie, Nantsi- kwa-mahlali, owawela  
wase e Scotland ngetuba elinempilo yake  
—ukungabimle kwayo—kuvakala ukuba  
uphile ngoku; nokuba ukangelwe uku-  
buyela emsebenzi wake ngo April lo  
uzayo. Senga angaba uhlazityeke okunye  
empilweni.

## UMISELO LWEMANTYI-

Ipepa la Komkulu (*Gazette*) lihloko- miso  
ukuba u Mr. J. C. Stapleton, ongu mantyi e  
Ladismith, umiselwe kubama- ntyi base  
Alexandria esikundleni sika Mr. C. Barber  
emantlatheni e Ladismith, u Mr. R. B.  
Howe ose Carnarvon; e Carnarvon kuya u Mr.  
C. S. Nicholson osandla e Bhai. U Mr. Chas.  
G. H. Bell walatwale e Dikeni kwindawo ka Mr.  
Lancelot Harison.

## IMPOSISO NGESIKOLO.

Siva ububi kuba kwati kwisaziso nge- xesha  
lokuvulwa kwe Sikolo sase Geuwa Sentombi  
(Lampough Training Institution) kanti  
abahlaluli basuka benza imposiso ete yabanga  
ukuba enye intsapo yesikolo ihlale emakaya.  
Kwasuka kwatwa isikolo siyazi kuvulwa ngo 28  
July; ngekwaye kutwive JANUARY 28.  
Iyalungiswa ke namhla lomposiso, esicelwa  
ukuba siqokele ngeliti akusaku- ba sabizwa  
inani elizeleleyo le Seshoni mintsapo eyakuya  
esikolweni ngoku. Isebe elisisa ingubo  
intwamkela ama- shumi amabini emntu  
ngapezulu, eziya kwamkelwa xa zihlalele ihafu  
yexabiso le nyanga ezintandatu—elijayi £2.

## NGOMANYANO.

[INCWADI ETUNYELWE UMHLELI]  
SIR,—Ndicelwa yi Secretary yo Manyano  
Iwaba Sebenzi ukuba ndilungise isi-  
poso esabakoyo engxeweni ekwi Mvo ka February  
16. Kutwive kulungxelo kufu- neka isiqingata  
sokuba (1) ukuzo- olu Manyano kwakwenge ngu  
Mteto oyi Limited Liability Act ngekwayitwive  
kufuneka iziqingata ezitatu (5) zengxowa yo  
Manyano ukuzo lukuselwe. Ukutsho kukuti  
njengokuba olu Manyano lusitini nje ingxowa  
yalo ingamawaka amahlanu eponti (£5,000),  
kufuneka imali ehlauli- weyo kwelo nani ibe  
malunga na £3,750 ukuba nantisi kwalo  
Mteto uku- sela ababambi zahlulo. Ndim  
Port Elizabeth, 8 March, 1893.

## UTYWALA PESHEYA KWENCIBA.

[INCWADI ETUNYELWE UMHLELI]  
Utywala bomlungu bunintshi pesheya kwe  
Nciba; ewe unyanisile. Bubangwa zezi zibonda  
zamaqaba zipete abantu. Ziyakolwa zona,  
zinxilala apo nazo. Ilati yezibonda zamagoboko  
ngokungcisi nge- ufwala. Akuncedisi ilali  
ukugcinwa sibon- nda seqaba. Ndxisa into zika  
Ntloko. Iqaba ngumciti ongancedi nto ekupateni  
Nxa nditi ziyanzila izibonda zamaqaba  
nditsho kuba xa uye kucela inxuxa or intsimi,  
umhlaumbi isikumi kwisibonda esinamahlali  
seqaba uya ku- rola imbodlela ukuzo uzuzo  
ezontu. Inde- ke lonto! Kangelani lonto. U  
Rulumente uya kusahlula lomhlaba kanti nguye  
uyeki izibonda zamaqaba. U Rulumeni umhlaba  
makawupatwale nge- makumsha naye  
ulikumsha. Mandiyekwe. —M.

## UMTANDAZO NGE PALAMENTE.

[INCWADI ETUNYELWE UMHLELI]  
MHLELI WE MVO ZABANTSUNDU.—Ndi-  
fumana kwipepa lamanene akho kuko indawo  
yokuba i Palamente ivangena namhla ngo 24  
March, 1893. [Olusoku lolwempiso,—  
EDITOR, Nantsi intlizi- yo yam, wanga u Tixo  
onamandla onke angatamsanqela ilizwe  
lakowetu kumlauli u Mntan' Omhle onyayo  
zintle kwane- zandla zake, agywe kakuhle  
pakati kwelizwe lakuti kwa nenkosi zakuti,  
ziyanekelwe imiteto elungileyo eyakudiba- na no  
Yehova u Tixo onamandla onke; kwano Mr. W.  
Hay no Mr. J. Rose-Innes, babe namandla  
okutetela ilizwe lakowetu kuba simile ngawo  
lawo madoda ahamba kakuhle ukuya e  
Palamenteni, Inkosi ibe nawo nangokutwiva.  
Mandipelele apo ngosizi okukulu kakulu malunga  
ilizwe lakowetu. Ndim owako futi; Inkosi  
impelwe pezu kwayo Ntvo yamanene akowetu  
ifumane amalungelo apambili kwano Mhleli  
wayo.

ELIPEPA LIPUMA  
NGOLWESI-NE  
I VEK I ZONKE.  
Lijonge Ilungelo Lomzi  
Kupela.  
Limele imfanelo ya Ba-  
ntsundu ngapandle  
kolyiko.  
Alicatuli Sizwe nalu  
Nqulo.

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MARCH 14, 1893

[Vol IX, No. 437

## DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

Kungena into eninzi ye Mphala Entsha:

KUNGOKU BABONISA

### Ezona Fashini Zizezintsha,

Nengubo Ez?ekileyo ngamaxabiso apantsi anokufumaneka.

Ihempe, Amaqhina, Izitadi, Izihlangu, ne Shuzi;  
Ingcawa, Amafelane, Itya iPli Ikelekroi-  
nti, njalo-njalo.

ITYALI EVATWA OMABINI AM AB ALA—IY ASOS A. Intlobo zonke  
zazo, ngamaxabiso onke.  
INGUBO ZÖBUBUNDISI Ezihleli zitungiwe. Nezokumejela.  
Uhlolo obulubhulu kwi Ndulubhatyi Zobufundisi, 7 6 ne 9 6.  
Ikolala Zobufundisi, ne Mingwazi yabo, njalo-njalo.  
Isuti ze Twidi ezintle ziqala 16 6—Ezimnyama Itwidi ziqala 25s.  
Ibhulukwe Ezimejelweyo ziqala 13 6.  
Izihlangu Ezizitende Zide Zamadoda 8 6.  
Ibhulukwe Zamadoda ze Whipcord 6—Zilushica.  
Ibhulukwe ze Kodi Zamadoda—zamauni onke.  
Intlobo Ezintsha Zeminqwazi Yotwidi Yamaledi iqala kwi 1/.

### ISIZINI YE CRICKET 1892:

Ibati ze Krikiti ezisipato siyi Cane enye. Ibati ze  
Krikiti ezisipato siyi Cane epindiweyo. I Gauntlets Ezi-  
ntsha—I Glove ze Wikiti Ezintsha—I Stamps ezintsha—I-  
bhola ze Krikiti ezitungwe-pindiweyo nezi "gut sewn"—  
zivela kwabona benzi bazo bagqitileyo.

AMAXABISO AHLISIWEYO KWI CLUBS.

## DYER NO DYER,

E- QONCE

### GREAT AFRICAN ORSMOND'S PREPARATIONS

### THE GREAT AFRICAN REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC  
MEDICINE  
FOR FEVERS AND COMPLAINTS  
OF THE  
HOME

Vida Pamphlet.

### THE GREAT AFRICAN DISEASES

### BLOOD PURIFIER

Unrivalled Tonic for  
FEMALES  
Specific for Kidney  
Urinary Disorders

### The GREATEST AFRICAN GUARANTEED SPECIFIC FOR

### COLIC, DIARRHOEA, DYSENTRY

SUMMER BOWEL COMPLAINTS  
AND  
ANTI-RELAX

### THE GREAT AFRICAN FRUIT PILLS

For Liver, Stomach and Bowels.

The Cure for  
Piles and Constipation.  
Are Mild and Effective.

### GREAT AFRICAN HERBAL OINTMENT.

For New and Old Bores,  
Skin Diseases, Piles,  
Rheumatism, Sprains,  
Pains in Joints and Muscles,  
Inflammatory Swellings.

PREPARED BY G.E. COOK  
MEDICAL

HALL  
KING WILLIAM'S TOWN

KWIMPI..  
EILALELE .U.KUTSIATA.—  
Ukubi. kela izihlobo nongebhele  
uSikumbule. nge-  
ndlela zokubhala kugqitywa ngee'iso  
kwi Mvonge2/6 ixeeha elinye; 3 9  
ngamaxesh. amabini ;5/katatu.  
—ST,

### Amayeza ka Cook Abantsundu

UMZI ontsundu ncelelwa ukuba  
ukangelise lamayeza abalulekileyo.  
Elika

COOK Iyeza Lesisu Noxmaxaza.  
1/6 ibotile.  
Elika

COOK IYEZA LUKOKOHELELA  
(Lingamafuta).  
1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.  
9d. ibotile  
Elika

COOK Iyeza Lepalo 1/6 ibotile.  
EzikaJ

COOK Ipils,  
1/ ngebokisana.  
Eka

COOK Incindi Yezinyo,  
6d. Dgeboti'e.  
Oka

COOK Umaliza Westepu Se.ba- /  
ntwana.  
6d. ngebotile.

COOK Umgutyana Wamehlo.  
6d. ngesiqunyana  
Oka

COOK Umaliza we Cesine. 8/6.

Niqondiae okuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,  
E QONCE.

Ngawenkohliso angenato /gama/aAe.

Owatengisayo e Mount Frere, kwa Baca, J.  
J. YATES, " Umantendela."

—J.

P. S. JEFFREY,

UYABABULELA abantu aba-  
ninsi ngokuyixasa kwabo  
Ivenkile yake ese  
KAMASTONE

Kungoku IME NGEAMBAMO YIMPA-  
HLA. Umntu uya kufumana INTO EYA  
KUMHLALA NGEHALI YAKE.

U P. S. JEFFREY,

Unokugayisa ukuba ulazi kakuhle lonke  
Ishishini Labantsundu YONKE IMPAHLA  
YENDIDI ZONKE inokufunyanwa eve-  
nkileni zake. Uvule isebe

E-DIDIMANA, apo  
apo (???) kutengiswa apa nti a ma nan i.

UBOYA, IZIKUMBA,  
NOKUDLA, zirolelwa amaxabiso  
apezulu arolwa na- kwezinye indawo.



LEMNYAKA I 18



IGQITILEYO,

## SINGENISE KWELI LIZWE IBLANKETE ZOBOYA

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU  
BODWA, Igama lazo yi EXTRA NAVY or  
MATTROSS."

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo;  
esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE  
ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu  
ngohlobo Iwemifa- nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE,  
kangelisa kunene ukuba ina- wona  
umfanekiso we NGONYAMA  
kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETS ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE  
NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete  
ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya  
kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULYVA KONA. KUKO

## PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabobodwa abanokubhala lomfanekiso wo Ngonyama.

## BON MARCHE.

## JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMS TOWN,

I\*FANDESI LE MPAHLA  
KUWO ONKE AMASEBE.

I Blanket zamabala ziqalela kwi Is. 7^1., Amabhayi abubanzi  
bupindiweyo 111/2d Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza \ ilokwe  
iqalela kwi Ijd. nge yadi, I "Tweed" eziqagambi- leyo zelokwe  
ziqalela kwi 33/4dngo yadi, I Flannelettes 2d. nge yadi, Ezona  
zilungileyo i Printi zamaJamani na- ma Bhulu 61/2dngo yadi, Ityali  
zoboya ezona Eishini zintsha ziqalela kwi 3s. kudo kube nga 30s.  
inye, I Quilts zamabala ziqala Is. 111/2d I Quilts ezimhlope ziqala2s.  
11d. Amakulu amahlanu e "knitted skirts" Is. 2d. inye.  
Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akuko nko- hliso.  
Kwibese le lokwe (Drapery) vgxexsha le Fandesi i Is. ebifudula  
isapulwa nge xabiso le ponti iyakuyekwa.

Isebe lezinxibo lakwa BON MARCHE.

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kwi 4s. lid. inye, I  
Suti zamadoda ze Tweed 21s. inye, I Felt Hats ezimapiko abanzi 2s.  
uninye, Ibhathi zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze  
Tweed 3s. Gd.

QONDISISANI KAKUHLE—Wonke ubaniotenge izinxibo  
zexabiso eliyi ponti (£1) uyakwapulelwa i- sheleni ezi ntatu (3s.)

JOHN W. BAYE8& Co.  
BON MARCHE,  
E-RINI (GRAHAMS TOWN).

J. HILNER,



UMENZI WE WOTSHI NENTSIMBI ZOKU VATA.

Ubunewunewu bokuvata, Iwotshi namaxesha entlobo zonke.  
Indawo yamacici e Silivere entlobo zonke 2 6 ngama bini

Imisesane Yokushata Yeholide neye nyeji iqalela kwi 7/6.

YONKE INYAMEKO IYANIKELWA EKHUHLAZIYWENI KWE WOTSHI  
NENTSIMBI ZOKUVATA.

J. HILNER, E QONCE

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe  
ingekapeli) 4s ipeli i Kwata ingaro-  
lwanga.  
Unokuhlalelwa wonke Unyaka  
ekuveleni kwawo nge 13s 6d.  
Izaziso Zabazelweyo,  
Abatshatleyo, Nemibi- ko, irolelwa  
2s 6d. zi- ngenekanye; 3s 9d ka-  
bini; 5s katatu.

## Beauchamp, Booth Co.

EYONA VENKILE INKULU

NETENG-ELAYO

E-KINGWILLIAMSTOWN & QUEENSTOWN.

ITYALI

IPRINTI

ISETINI

IKELEKO

ISHITI ZEKOYI

## Impahla Yomtshato Yonke BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMSTOWN

## PEACOCK BROS. HO WEIR, EKOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika  
awona Manani aluugileyo. E Komani  
apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi  
kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi,  
Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazi-  
mba. bahlele benawo.

A. Wonderful Medicine

## BEECHAM'S PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache,  
Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills,  
Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blisters on the Skin,  
Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST  
DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly  
invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be "WORTH A  
GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health.  
They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;  
they act like magic:—a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening  
the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing back the keen edge of  
appetite and arousing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the  
human frame. For throwing off fevers in hot climates they are especially renowned. These are  
"fact" admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the  
Nervous and Debilitated is that *Beecham's Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine  
in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England,  
SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

## J. W. GARRETT & CO.,

LADY FRERE

## IZITORA "EZITSHIPU."

Ingubo Zamalodi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo  
Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

Kuniwa amaxabiso angapczulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA  
EHAMB AYO.

## BAIRSTOW & CO.

(BAKANGELENE NO IVY BROS.)

PORT ELIZABETH (eBhai.)

BATENGISA IMPAHLA YAMADODA NAMAKWE-  
NKWE.

LEMPAHLA YONKE ISIKWE KAKUHLE YAYE KANANJALO ITSHIPU